

Ibrashi yokupeyinta yomlingo

Libali likaWendy Hartman

Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood



Kukho ilizwe elikude kakhulu elibizwa ngokuthi yiTshayina.
Kudaladala, kweli lizwe

kwakuhlala inkwenkwana egama
linguHo. UHo lo wayehluphekile,
kodwa wayenobubele kakhulu.
Wayesebenza nzima ukuze afumane
imali eyoneleyo yokuthenga ukutya.



Nangona uHo lo wayehlupheka,
kodwa wayebanceda abanye abantu
ngalo lonke ixesha enako. UHo wayekuthanda nokupeyinta kwaye
wayepeyinta rhoqo xa athe wanexesha.

Ngabusukwazana buthile, waphupha ngathi kukho ixhego elimnika
ibrashi yokupeyinta yomlingo.

“Unentliziyo elungileyo kwaye unobubele,” latsho ixhego
ephupheni. “Ndiyabona ukuba uyakuthanda nokupeyinta. Nantsi
ibrashi yokupeyinta yomlingo. Ndifuna undithembise ukuba uza
kuyisebenzisa ukunceda abantu.”




Wathi ukuvuka kwakhe uHo, wafumana ibrashi yokupeyinta
yomlingo ecaleni kwakhe.

“Yho,” watsho, “Bendicinga ukuba ibiliphupha nje eli.”

Ukususela ngaloo mini, wayisebenzisa ibrashi yakhe yokupeyinta nanini na kukho umntu ofuna uncedo.

“Ho,” babemkhwaza batsho abantu emasimini. Aphelile amanzi equleni lethu. Sifuna amanzi ukuze sinkcenkceshele izityalo zethu.”

Ngoko nangoko, uHo wabapeyintela umlambo. Njengokuba ewupeyinta nje umlambo kwasuka kwehla ummangaliso wokubela komlambo wokwenyani, baze abantu bakwazi ukunkcenkceshela izityalo zabo.



UHo wabona ukuba abantu bayasokola ukulima umhlaba, ngoko ke wapeyinta inkomo itsala ikhuba. Ngalo lonke ixesha ebona umntu ofuna uncedo, wayesebenzisa ibrashi yakhe yokupeyinta yomlingo. Ngokukhawuleza kwaduma ukuba uHo unebrashi yokupeyinta yomlingo.

UHo wabona ukuba abantu bayasokola ukulima umhlaba, ngoko ke wapeyinta inkomo itsala ikhuba. Ngalo lonke ixesha ebona umntu ofuna uncedo, wayesebenzisa ibrashi yakhe yokupeyinta yomlingo. Ngokukhawuleza kwaduma ukuba uHo unebrashi yokupeyinta yomlingo.

Ekuhambeni kwexesha, isityebi sendoda esithile seva ngale brashi yokupeyinta yomlingo. “La brashi yokupeyinta iza kuba yeyam,” satsho saze sacwangcisa indlela esasiza kuyiba ngayo ibrashi. “Ndiza kwenza imali eninzi kakhulu kangangokuba ndiza kuba yeyona ndoda isisityebi ehlabathini liphela.” Ngosuku olulandelayo wathumelisa ukuba kubizwe uHo.



“Ndifuna waluse iinkomo zam namhlanje,” satsho. “Ngorhatya lwanamhlanje ndiza kukuhlawula umvuzo oncumisayo.”

UHo wayonwabe kakhulu waza wazolusa iinkomo zesityebi eso. Kodwa, endaweni yokuba ahlawulwe ngokuhlwa, waphoswa entolongweni yaze nebrashi yakhe yokupeyinta yomlingo yoxuthwa kuye.



“Ube enye yeenkomo zam,” saxoka satsho isityebi. “Le brashi iza kuhlawula oku akwenzileyo.” Ekugqibeleni, sazicingela satsho isityebi, ibrashi yokupeyinta yomlingo ide yayeyam. Isityebi sendoda samema bonke abahlobo baso ukuba beze ekhayeni lakhe.

“Hlalani phantsi nibukele,” satsho. Sapeyinta imifanekiso

emininzi ngebrashi yokupeyinta yomlingo. Wonke umntu walinda, walinda ... waze walinda, kodwa akwabikho namnye umfanekiso oqukayo kwenzeke into yokwenyani.

“Kwenzeka ntoni kanye?” sangxola satsho isityebi. “Hambani niyokuthatha uHo nize naye apha!”

UHo waziswa phambi kwendoda esisityebi. Kodwa ngoku uHo wayesele eqonda ukuba esi sityebi yindoda ekhohlakeleyo nengamcingeliyo omnye umntu.

“Ukuba uthe wandipeyintela imifanekiso,” satsho isityebi, ize loo mifanekiso iguquke ibe yinyani, ndiza kukuhlawula kwaye ndiza kukukhulula.”

Ekuqaleni uHo wayengazi ukuba enze ntoni na. Kodwa emva komzuzwana wafikelwa yingcinga ethile. “Ewe ndingakwenza oko,” watsho uHo. “Kuqala ndifuna upeyinte intaba ENDE eyenziwe ngegolide,” satsho isityebi. “Ndifuna ukuyiqokelela yonke loo golide.”



UHo wathatha ibrashi yakhe yepeyinti yomlingo wapeyinta ulwandle. Oko kwasicaphukisa isityebi.

“Kutheni upeyinte ulwandle? Andifuni lwandle. Ndifuna intaba eyenziwe ngegolide. Khawulezisa uyipeyinte.”


Ngoko ke uHo wapeyinta intaba eyenziwe ngegolide kwelinye icala lolwandle. “Kufuneka uwele ulwandle ukuze ufikelele kuyo intaba yegolide,” watsho.

“Khawulezisa ke upeyinte inqanawe enkulu ukuze ndikwazi ukuwela ulwandle ngayo,” satsho isityebi.

UHo wancuma waza wapeyinta inqanawe enkulu. Wathi engekayigqibi nokuyigqiba inqanawe, suka isityebi sakhwela ngokungxama.

Ngokukhawuleza usapho lwaso kunye nabahlobo baso bakhwela enqanaweni banduluka ngayo.

UHo wababukela ngobunono. Walinda ukuba inqanawe ingene ibe sesazulwini solwandle, waza wapeyinta ilizakazi elikhulu. Iliza lalwatyuza ukuya enqanaweni. Lathi lakuba kufutshane – PHIHLLI! – layibetha inqanawe yazizicwili ezingamawakawaka.



Emva koko, uHo wahlala ngokonwaba. Wayenokutya okoneleyo. Wayenceda abantu xa bathe bafuna uncedo kwaye wayepeyinta

imifanekiso emininzi kangangoko efuna. Ngamanye amaxesha wayekhe ajonge ngaphesheya kolwandle, abone intaba yegolide. Akukho namnye owakhe waya kuyo kuba kwakungekho nto kuyo ngaphandle kwegolide. Gxebe ... kwakungekho nto ngaphandle kwegolide, iingceba zenqanawe eyophukayo kunye nesityebi sendoda enomsindo, usapho lwayo kunye nabahlobo bayo.



SEBENZISA UBUGCISA BAKHO!

Zithathe ngokuba ubunguHo unebrashi yokupeyinta yomlingo. Ngebrashi yakho zoba zonke izinto obuza kuzizobela usapho nabahlobo bakho.



Ibrashi yokupeyinta yomlingo

Libali likaWendy Hartmann • Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood



Umfanekiso

Eli bali lenzeka eTshayina. Jonga imephu yamazwe uze ukhangele ilizwe laseTshayina kuyo. Emva koko, khangela ilizwe ohlala kulo. Ngaba ilizwe ohlala kulo likhulu okanye lincinane kunelaseTshayina? Ngaba iTshayina ikufutshane okanye ikude kakhulu? Ubunokuya njani phaya?



Ukufunda


Yiba ngumcuphi kwibali! Khangela amagama akweli bali akuchazela ukuba

- ★ u-Ho wayengumntu onobubele
- ★ umlingo okwibrashi yokupeyinta zange uyisebenzele indoda esisityebi
- ★ indoda esisityebi yayifuna nyhani ukufika kwintaba yegolide
- ★ u-Ho zange asebenzise ibrashi yokupeyinta enomlingo ukuze azenze isityebi.



Ukubhala

Ukuba ubunebrashi yomlingo efana neka-Ho, ubuza kupeyinta imifanekiso enjani ukuze uncede abanye abantu? Yahlula iphepha libe neekholam ezimbini. Kwikholam yokuqala, bhala uludwe lwemifanekiso onokuyipeyinta. Kwikholam yesibini, bhala izizathu eziphambili ezinokukwenza ufune ukupeyinta loo mifanekiso.



Ubuchule

Sebenzisa intlama yokudlala okanye udongwe ukuze wenze umfanekiso we-3-D kuleyo ipeyintwe ngu-Ho.

Ukwenza

Balisa ibali lakho ngebrashi yokupeyinta enomlingo. Injani xa uyijongile? Ziintoni ezikhethekileyo enokuzenza? Yekabani?

